Project Hannah
Ubulungiseleli be TWR

**Eyo Msintsi 2016**

**"Hayi, ukuthandeka kweminqube yakho, Yehova wemikhosi! Umphefumlo wam ulangazelela, intendelezo zikaYehova. Indumiso 84:1–2.**

Kule nyanga bendifunda le ndumiso 84. Yindumiso ezisa ukuphila entliziyweni yam xa umphefumlo wam ufunana nethemba nokuphila.  Ndithanda le nto yokuba le ndumiso nje yona ichaza ihambo yethemba.

Yihambo yamanyani ebhalwe ngexesha elililo ibhalelwa amaSirayeli; mhlawumbi xa ukumkani uSolomon waye esesihlalweni ephethe. Nyaka nonyaka abantu abaninzi bebeba nehambo eya eJerusalem kwisidlo seTabanakile. Bebethabatha olu hambo kwaSirayeli wonke ukuya esixekweni esingcwele ukuya kunkqula etempileni.

Xa sifunda iNdumiso 84, sikhangela kakuhle entliziyweni  yomnye wabo bathi bahambela i Jerusalem beyokunkqula.

Ndiyacinga inoba ibinjani intliziyo yakhe enxanelwe ukuba sebukhweni buka Thixo. Ndizibuza, " Kudingeka ixesha elingakanani na ndisebukhweni buka Thixo? Ndingenza njani ukuqinisekisa ukuba ndba nexesha noThixo ntsuku zonke?"

Le ndumiso isibangela sijonge kwezi zinto sizilangazelelayo. Ungathetha okanye uthandaze amazwi ale ndumiso kube ngathi ngawakho na? Uyakulangazelela na ukuba sebukhweni buka Yehova? Intliziyo yakho iyamlangazelela na uThixo?

Mva nje bendigula okwethutyana, ndinqwenela ukuphila kwakhona ndibuyele ekwenzeni izinto zam njengesiqhelo. Ndavakala ndinengcinga emile ethi, "Xa umphefumlo wam ukhathazekile, ngaba ukuphila kuzakuza ngokulangazelela uThixo na? Xa iintliziyo zethu zigula yintlungu yomzimba okanye intlupheko sibalekela kuye na, siyabulangazelela ubukhona bakhe kusini na?

Kule nyanga sithandazela abafazi base  Bulgaria, Croatia, Greece, nase Slovakia,  singanikezela konke okuse zintliziyweni zethu siphakamise amaZwi ethu ngokunxakama okukhulu nokumlambela uThixo. Naxa sele sikhathazekile, masimfune  simthembe ukuba ngugqirha omkhulu ekuguleni kwethu.

Kwi Alimanaki yethu yeNyanga ezayo, sakugxila kakhulu ekulangazeleleni uThixo. Sakuwubhekelisa umthandazo wethu wonyaka nenzila ukuze zihlanganiselane ne International Women's Day ngo Matshi 2017 kunyaka ozayo.

Nanga ningalwazi uthando nokuphilisa kwakhe kule nyanga nisahamba indlela yethemba neNkosi.

Kuye iintliziyo zethu ziyagcoba,

Peggy Banks
Global Ministry Director
Project Hannah